


Kwilali ekuthiwa yiGaMaupye, ngaphandle nje kwedolophu iPolokwane, kuhlala uMnu. Masoga Maupye nomfazi wakhe uNkskz. Masohlo Maupye.

UMnu. Maupye usapho lwakhe ulondla ngokulima izityalo. Yonke imihla uyemka emzini wakhe ehamba nenja yakhe uPichonki.



Namhlanje ndiza kuyibamba le nto itya izityalo zam," watsho ngokuzithemba uMnu. Maupye.

"Mandiqhubeke ngalo msebenzi kude kube semini maqanda," watsho uPichonki.



Usebenza ngokuzimisela uMnu. Maupye kule ntsimi.

Uxhasa usapho lwakhe ngezinto azilimayo.

AbakwaMaupye abawuthengi umgubo wombona kunye nemifuno.



Emva kweeyure ezimbalwa kufika uNkskz. Maupye entsimini.

Uzise isidlo sasemini namanzi.

“Molo Mokone,” utsho uNkskz. Maupye.



UMnu. Maupye uyatya, uyasela aze aphumle.

“Kulo unyaka sibe nethamsanqa lemvula. Izityalo ziluhlaza kwaye ziyabukeka,” utsho njalo.

“Kunjalo, siza kuthumela iingxowa ezilishumi zengqolowa nerhasi ukuze zisilwe,” uyaphendula uNkskz. Maupye.



“Khawulibale ngento eqoba izityalo zakho! Ichumile le ntsimi, sinezityalo ezininzi,” utsho ehleka uNkskz. Maupye.

“Ndiyaphawula ukuba akundazi, sithandwa sam. Le nto iqoba ezi zityalo zethu ndiza kuyibamba!” uphendula ngelitshoyo uMnu. Maupye.



Ngawo loo mzuzu uMnu. Maupye ubona umvundla usitya ezi zityalo zakhe. Uyaphakama axhume atsho egibisela lo mvundla ngegaba lakhe.

“Ndiza kuwufumana!” uyakhalima ecaphuka uMnu. Maupye.



Umvundla uyabaleka ubashiye apho.

Awufunyanwa nanguPichonki.

Igaba labo laphukile.

UNkskz. Maupye uyothuka emangalisiwe.